NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
MAY 2021

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A noB).

   ICANDELO A: Inoveli

   ICANDELO B: Imihlathi nemihlathana

2. KWICANDELO A – phendula YONKE IMIBUZO KUMBUZO WOKU-1 NAKOWESI-2.
   – khetha phakathi koMBUZO WESI-3 NOWESI-4.
   – khetha phakathi koMBUZO WESI-5 NOWESI-6.

3. KWICANDELO B – bhala umhlathi omde ube MNYE, nomhlathi OMNYE omfutshane.

4. Phendula imibuzo emiNE iyonke.

5. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.

6. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku ombuzo.

7. Nombola iimpendulo zakho ngendlela ekunonjolwe ngalo kwiphepha lemibuzo.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

IEB Copyright © 2021

ICANDELO A UNCWADI

INOVELI: *Nyana WAM! Nyana WAM!* – W. K. TAMSANQA

UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA NOMXHOLO

1.1 Funda lo mhlathana uze uphendule imibuzo.

> Emva kwethuba bencokola, seziphelile neentlonana ebenazo uThozama ekuqaleni ebuyela ekumqheleni kwakhe okwakudala, sel'emana ukukhala ngobhut'Thole futhi, wavakala uMangaliso esithi, "Thozama ndibuyile emfundweni owawundicebise ngayo. Ke, andiz'ukutsho kuwe ukuba umbulelo wam ungakanani na. Ungasowuzicingela. Nguwe owaziyo njengoko nam ndisazi ukuba ndinjenjenje namhlanje kungenxa yakho. Njengokuba undibona nje ngoku ndijongwe ngumsebenzi onzima wokondla izimvu zikaThixo, umsebenzi wokuphilisa imiphefumlo. Ke kulo msebenzi andinaye umncedisi, ubungebi nguye na umncedisi wam Bhelekazi? Iinzima zam ibe zezakho? Ube yintonga yam esekhosi? Kuba ngaphandle kwakho ndifumana obu bomi bungendiyoleli.

1.1.1 Bancokola phi aba bantu babini? (1)

1.1.2 Bazana njani? (1)

1.1.3 Kutheni uThole engazi ukuba ambulele njani uThozama? (1)

1.1.4 Wenza owuphi umsebenzi uThole? (1)

1.1.5 Ucela ntoni uThole kuThozama? (1)

1.1.6 Ingaba uThozama wasamkela na eso sicelo? (1)

1.1.7 Ucinga ukuba unzima kanjani umsebenzi ajongwe nguwo uThole? (1)

1.1.8 Nika intsingiselo yesi saci: Ube yintonga yam esekhosi. (1)

1.1.9 Yeyiphi imfundiso evezwa ngaba balinganiswa? (2)

[10]

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 2 ABALINGANISWA

2.1 Tshatisa uKholam A noKholam B. Bhala inani nonobumba kuphela.

Umzekelo: 2.1.6 (f)

KHOLAM A	KHOLAM B
2.1.1 Umninawa katitshala uZolile	(a) UThozama
2.1.2 Utata kaThole	(b) UNomsa
2.1.3 Inkosikazi kaFikizolo	(c) USandile
2.1.4 Inkosikazi kaThole	(d) UMantuli/UNokhaya
2.1.5 Umntwana wesikolo	(e) UBaw'uMkwayi

(5)

2.2 Jonga ezi zivakalisi uze uxele ukuba **YINYANI** okanye **BUBUXOKI**. Ukuba **BUBUXOKI** *xhasa* impendulo yakho.

2.2.1 UThole wayenesiva esasisebusweni. (1)

2.2.2 ISpes Bona yindawo yokuzonwabisa. (2)

2.2.3 UThozama wayengunesi kwisibhedlele saseRichmond. (2)

2.2.4 UThole wafumana imfundo enomsila kubufundisi iM.D ne PHD. (1)

2.2.5 Umxholo wentetho kaThole kwinkomfa eNgilane wawungonqulo ecacisa ukuba sonke singumgubo wengxow'enye, uThixo ophilayo. (1)

2.2.6 UThole wakhula kamnandi. (2)

2.2.7 UJoe ngomnye wabantu ababefuna ukubulala uThole. (1)

2.3 Khawusichazele ngesimo saseJan Smuts ngosuku lokufika kukaThole eRhawutini. (5)

[20]

IEB Copyright © 2021

IDAYALOGU/INCOKO

Khetha isihloko sibe si**NYE** kwezi zingezantsi ubhale incoko.

Khetha phakathi **koMBUZO WE-3 noMBUZO WESI-4.**

Bhala isihloko sedayalogu oyikhethileyo.

UMBUZO 3

Bhala incoko phakathi koThole notitshala uZolile esikolweni eZazulwana.

Chaphazela ezi ngongoma:
- Mababulisane.
- Utitshala makabonakalise ukothuka xa ebona uThole engumfundisi.
- UThole makaphendule ngempendulo emfutshane.
- UThole makabuze utitshala ukuba uyabafundisa na abantwana.
- Utitshala makabonakalise ukothuka ngulo mbuzo.
- UThole makacacise umbuzo wakhe.
- Utitshala makacele uThole ukuba amncede ngencwadi yeso sifundo.
- UThole makacele abantwana abenzele umhobe wesiNgesi.

[Isakhiwo sedayalogu/ incoko naso siza kuthathelwa ingqalelo.]

[10]

OKANYE

UMBUZO 4

Gqibezela incoko ephakathi kukaThole, uThemba, umqhubi wemoto noSonwabo edolophini eBhayi nasendleleni acinga ukuba uThole iya eGcuwa kanti iya eKapa.

UThemba: Yintoni na ntangam iya phi le ndlela?

4.1 **UThole**: **...** (1)

UThemba: Mfondini ndithetha nawe ndithi iya phi na le ndlela?

4.2 **UThole**: **...** (2)

UThemba: Khwela ke sihambe yiyo le imoto, besifuna nje umntu omnye.

4.3 **Umqhubi: ...** (1)

UThemba: (ngelizwi eliphantsi) Ewe.

Umqhubi: Niya kundinceda ke ngemali zinkosi ukwenzela ndikwazi ukwetha amafutha endleleni.

4.4 **Sonwabo: ...**? (1)

IEB Copyright © 2021

Umqhubi: Zobane zibe neshumi (9.00).

UThole: (Esothuka) Kutheni na madoda sangena eHumansdorp kanti siya eGcuwa?

4.5 **UThemba: ...** (1)

UThole: "Hi madoda kutheni le ndlela ngathi isingise ngaseKapa nje?"

UThemba, USonwabo nomqhubi: (cwaka abaphendula).

4.6 **Umqhubi**: **...** (1)

UThole: "Nditshilo."

4.7 **Umqhubi: ...** (1)

UThole: "Ndingxamele ukungayiqondi le ndlela yakho."
(Besaxoxa leyo bavela komnye umbhalo, "You are now entering the Knysna Forest". Bagqithe njalo kulo mbhalo babe sebengena ehlathini yema imoto.)

Umqhubi: Madoda ndiphelelwe ngamafutha.

4.8 **UThemba**: **...** (1)

Umqhubi: Ndixakwe yiloo nto undibona ndithe nxokotho nje.

4.9 **Umqhubi: ...** (1)
[10]

IEB Copyright © 2021

ISINCOKO

Khetha isihloko sibe **siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko**.

Phendula **UMBUZO WESI-5 okanye UMBUZO WESI-6**.

Isincoko sakho masibe phakathi kwamagama **ali**-**180 ukuya kumagama angama 200** ubude.

UMBUZO 5

Ukubuyela kukaThole esikolweni

Sichazele ngokubuyela ku kaThole esikolweni.

Chaphazela ezi ngongoma zilandelayo:

- **Umhlathi woku 1:**
  - Xela indawo nesikolo afunde kuso uMangaliso. (2)
  - Ufike wafundela ukuba yintoni uThole apho. (1)
  - Wayeqhuba njani ezifundweni zakhe. (1)
  - Zintoni athe wazibalula ngazo ngethuba elapho. Nika zibe mbini. (2)

- **Umhlathi wesi 2:**
  - Kutheni uThole ukuze aye kwingqunguthela yabafundi eKapa. (1)
  - Chaza iimpawu zibe ntathu awazibalula ngazo kule ngqungquthela. (3)

- **Umhlathi wesi 3:**
  - Sichazele ngendidi ezimbini zabafundi ezazikho kule ndibano/ ngqungquthela. (2)
  - Wacetyiswa ukuba alendele awaphi amasebe kule ngqungquthela emva kokuphumelela imatriki. (2)
  - Chaza indlela azixhasa ngayo lamasebe ekucebiseni uThole ngodidi amakalilandele. (2)

- **Umhlathi wesi 4:**
  - Ukhethe eliphi icandelo uThole. (1)
  - Nika isizathu sokuba akhethe eli candelo. (1)

- **Umhlathi wesi 5:**
  - Ucinga ukuba uThole ukhethe icandelo elilungileyo? (1)
  - Xhasa impendulo yakho. (1)

[20]

OKANYE

IEB Copyright © 2021

UMBUZO 6

Shwankathela intetho kaThole ayenze eSt Peters ecacisa la magama:

UBUKHWELE NEKHWELE

Chaphazela ezi ngongoma:

- **Umhlathi woku 1:**
  - Cacisa ukuba yintoni umahluko phakathi kobukhwele nekhwele. (4)

- **Umhlathi wesi 2:**
  - Nika iimpawu zibe NTATHU zomntu ophethwe likhwele. (3)

- **Umhlathi wesi 3:**
  - Nika iimpawu zibe NTATHU zomntu ophethwe bubukhwele. (3)

- **Umhlathi wesi 4:**
  - Nika umzekelo womntu onekhwele nomntu onobukhwele. (6)

- **Umhlathi wesi 5:**
  - Nika isizathu sokuba uThole acacise la magama. (2)
  - Chaza injongo yentetho kaThole (2)

[20]

60 amanqaku

IEB Copyright © 2021

ICANDELO B

IMIHLATHANA EMIDE

- Phendula ileta ibe NYE kwezi zilandelayo.
- Impendulo yakho mayibe phakathi kwamagama ali **150** ukuya kumagama angama **200** ubude.
- Bhala phantsi inombolo yombuzo nesihloko.

UMBUZO 7 ILETA YOBURHULUMENTE

Kwindawo ohlala kuyo baninzi abantu abaphila nesifo sikaGawulayo. Bhalela iSebe lezeMpilo ubacele bathumele onompilo ukuza kufundisa abantu ngesi sifo.



[30]

OKANYE

UMBUZO 8 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umlumkise ngobungozi **beziyobisi**.

Chaphazela ezi ngongoma:

- Mnike ulwazi oluphangaleleyo ngeziyobisi.
- Mxelele ngendlela ezinokuchaphazela ngayo ikamva lakhe.
- Mchazele ngobungozi bazo emzimbeni womntu.
- Mcebise ukuba angazithati ukuba akakaqali / aziyeke ukuba sele qalile.





[30]

IEB Copyright © 2021

IMHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha isihloko sibe **siNYE** kwezi zingezantsi uze ubhale umhlathana ngaso. Umhlathana wakho kufuneka ube **ngamagama ali 120–150** ubude.

UMBUZO 9 IRIVYU

Bhala irivyu yomboniso bhanya-bhanya ubuwubukele.

Chaphazela ezi ngongoma:
- Isihloko.
- Idayirektha.
- Abadlali abaphambili.
- Umxholo.
- Nika iingcinga zakho ngalo mboniso bhanya-bhanya.



[10]

OKANYE

UMBUZO 10 INTENGISO

Yenza intengiso yemveliso oyithandayo. Iseyokuba yeyokutya, iimoto, okanye iimpahla.

Sixelele:
- Imveliso.
- Uthengisela oobani.
- Imveliso yakho ikhetheke njani kwezinye iimveliso.







[10]

40 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100

IEB Copyright © 2021